Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IZILUNGISO

UXWEBHU LWEMIBA 10

UPHENGULULO 1, 11 JULAYI 2016

Xa kuthethwa ngokubanzi, isilungiso masichazwe njengesibonelela iNdlu ngokunye endaweni yesiphakamiso sasekuqaleni.

Kukho iindidi ezintathu zezilungiso:

- ukushiya amazwi;
- ukushiya amazwi ukuze kufakelwe amanye amazwi; kunye
- nokufakela okanye kongezwe amazwi.

Umenzi wesilungiso makasingenise ngembalelwano, asityikity aze, ukuba siphakanyiswe ngexesha lengxoxo-mpikiswano, anikezele ngekopi eTafileni. Kwakhona kuluncedo ukuhambisa iikopi etafileni kuMalungu kwiTsheyimba. Akukho silungiso singaphakanyiswa kwicandelo lasekuqaleni lesiphakamiso emva kokuba isilungiso kwicandelo elisemva lesiphakamiso kugqityiwe ngalo. IGosa eloNgameleyo ligqiba ngendlela iziphakamiso ezibekwa ngayo.

Okokuqala okubalulekileyo, izilungiso mazifaneleke kwaye zingabonakalisi isiphakamiso sasekuqaleni njengesingaqiqanga.

Isilungiso masingaphindi sidlulele kumba wesiphakamiso sasekuqaleni, umz:

Isiphakamiso sasekuqaleni: Sokuba ukutshaya kuthintelwe. **Isilungiso:** Sokuba ukutshaya nokusela utywala kuthintelwe. Isilungiso singaphinda singaphakanyiswa ukuba sikhabana ngqo nesiphakamiso, umz: **Isiphakamiso sasekuqaleni:** Sokuba ukutshaya kuthintelwe. . **Isilungiso:** Sokuba ukutshaya kungathintelwa.

Isizathu sesokuba ifuthe elinye lingaphunyezwa ngokuvota ukuchitha isiphakamiso sasekuqaleni.

Ngokufanayo nesiphakamiso, isilungiso nje ukuba siphakanyiswe siba yipropathi yeNdlu kwaye singarhoxiswa kuphela ngemvume yeNdlu.

Isilungiso singaphinda siphakanyiswe kwisilungiso esiphakanyisiweyo ngokungathi isilungiso esiphakanyisiweyo ngumbuzo wasekuqaleni. Umgaqo wokuphakamisa isilungiso kwisilungiso usetyenziswa apho, umzekelo, iLungu linqwenela ukuvumelana namazwi aphakanyisiweyo ukuba afakelwe, kodwa linqwenela ukuwaphucula.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600